Bogxa ababekekileyo

Njengoko sisondela kwimitsi yokugqibela yonyaka wezifundo ka2024, siqwalasela ixesha elikhe lacela umngeni kwisakhono sokusebenza kwethu. Lo nyaka uze nemingeni, ekuthi phakathi kwayo ngokwemeko yokumiselwa kweSUNFin neSUNStudent, kanye ngeli xesha le nguqu isiphaghela amathuba okuphuhla, likwadinge umonde omandla. Senza ongazenzisiyo umbulelo kuwo onke amalungu oluntu lwekhampasi ngokunyamezela ekuthubelezeni phakathi kwezi nguqu kwanangokuqhuba ngokuzinikela kwimpumelelo yale Yunivesithi.

Ekunakaneni nasekuncomeni ngokumandla ukuzinikela kweni, iCandelo leNqununu liyakuthakazelela ukuvakalisa intlawulo eyimbuyekezo kubasebenzi beYunivesithi yaseStellenbosch (iSU), njengoko kuthiwe theca ngezantsi apha:

- Abasebenzi beSU baya kufumana intlawulo eyimbuyekezo nekumyinge we2% nsekelwe kwisiseko samanqanaba yemivuzo yabo (iBRL). Le ntlawulo ekuhlawulweni komvuzo wenyanga yoMsinrsi.
- Le ntlawulo iya kusekelwa kwisixa somvuzo. Umzekelo, abasebenzi abebesasebenzela iSU ngomhla wokuqala kweyoMqungu ka2024 baya kufumana umyinge we2% ogcweleyo. Abo baqale ngomhla wokuqala kweyoMsintsi ka2024, baya kufumana umyinge we2% weenyanga ezine (lo ke ubalwe ngokwexesha eliphela ngenyanga yoMnga ka2024). Ukuze ube nokuba selungelweni lokuxhamla, kufuneka ube ungumntu osele uphangela apha ngenyanga yoMsintsi.
- Inkxasomali yale ntlawulo iyimbuyekezo iya kulawulwa ngaphakathi hayi kumaziko eendleko. Oku kuya kuqinisekisa ukuba abasebenzi abamivuyo yabo iphuma kwiinkxasomali zangaphandle baya kuxhamla babo kule ntlawulo yembuyekezo.

Ukuvalwa ngokwezobuchwepheshe kweyoMnga ka2024

Singathanda nokukhuthaza abaphathi ukuba banikezele inkaxso ekuthatyathweni kwekhefu ngomhla wama23 nowama24 enyanga yoMnga ka2024. Oku kuya kuvumela ikhefu elidingekayo nelandisiweyo njengoko silungiselela unyaka omtsha. Nceda ke uqwalasele, ezi ntsuku zimbini ziya kurekhodwa njengekhefu lonyaka yaye kufuneka zifakwe kwinkqubo yekhefu ngokufanelekileyo.

Kwakhona, Siyabulela ngesakhono samandla enu, ukunyamezela kunye nokuzinikela kwenu enyakeni ngokubanzi. Iinzuzo esithe safikelela kuzo ku2024 zisisiphumo esithe ngqo eenzame zethu sisonke. Sikunye, sisibekile isiseko sogqweso olubhukekekayo eSU.

Phambili sikunye

NguNjing Wim de Villiers
INqununu neNgqonyela
yeYunivesithi yaseStellenbosch